Ihlathi Leenyoka

- Joseph Sanchez Nadimo
- Rob Owen
- Xolisa Guzula

- Xhosa
- Level 3

Ilali iSinyaire ijikelezwe ziinduli neentaba. Kuhlala iinyoka ezininzi kwihlathi elikwezi ntaba. Eyona nyoka inkulu yayibizwa ngokuba yi-Unyalego ngabantu belali. Le nyoka yayisoyikisa abantu abaninzi kuba yayiginya ibimbilize iibhokhwe kunye neegusha eziphelelelyo.

Ngenye imini u-Apiyo, u-Ajoh kunye no Atieno babesiya ehlathini beyokutheza. Umakhulu wala mantombazana wayewalumkisile wathi, “Nilumkele u-Unyalego inyoka enkulu. Ningathathi nenye into ehlathini ngaphandle kweenkuni.” U-Ajoh akazange ayihoye nokuyihoya into awayeyixelelwa ngumakhulu wakhe.

Amantombazana apakisha umphako wobisi, iibhanana, ibhatata kunye namanzi. Athatha neentambo zokubopha inyanda kunye nezembe lokugawula iinkuni. Ahamba ke aphathelela ukuya ehlathini.



Endleleni amantombazana ayehamba ezincokolela nje futhi ehleka, kumnandi. U-Apiyo owayemdala kubo bonke wavakala esithi, “Thulani. Sele sisondele apho kuhlala khona u-Unyalego.”



U-Atieno wathi, “Yehake, khanijonje nanga amazinyo ka-Unyalego abugolide, masiwathatheni.” U-Apiyo wabakhumbuza, “Ningalibali imiyalelo kamakhulu. Akufanelanga ukuba sithathe nantoni na apha ehlathini ngaphandle kweenkuni.”



U-Ajoh wathi, “Andiyikholelwa mna into ethethwa ngumakhulu. Ndicinga ukuba ubesitsho nje kuba engafuni ukuba sizithathele izinto esizithandayo. Unomona umakhulu. Ndiza kuwathatha mna la mazinyo egolide.” Oodadewabo bakhathazeka kakhulu ngale nto. “Ajoh, uze ungathi khange sikuxelele.” U-Ajoh akazange abahoye.

Kwathi kusenjalo kwathi gqi u-Unyalego ezokukhangela amazinyo akhe. Wacaphuka kakhulu akungawaboni. U-Unyalego weva amantombazana encokola futhi ehleka. Wazimela phantsi kwelitye elikhulu elalikufutshane nendlela amantombazana ayeza kudlula kuyo.



Amantombazana ayethwele iinyanda entloko. Eva ngomsindo wenyoka efuthayo, “Fu-u-u-u-u-u-u-u-u!” Oothuka azama ukuzimela. Nankuya u-Unyalego phambi kwabo evule umlomo wakhe elindele ukuluma.

U-Unyalego wawabuza amantombazana wathi, “Ngubani othathe amazinyo am egolide?” Akuzange kubekho mntu uphendulayo. Inyoka yathi ndiza kumfumana umntu owabileyo. “Lo ongenatyala uza kucula kakuhle angayenzi impazamo kodwa lowo onetyala yena uza kuthi xa ecula kwenzeke impazamo. Uza kuba kukutya kwam kweentsuku ezintathu ezizayo!”

U-Apiyo waqala wacula kakuhle akabinangxaki.
Kwalandela u-Atieno, naye wacula kakuhle.



Ekugqibeleni kwacula u-Ajoh. Wayenexhala kakhulu. Wathi xa eqala ukucula ilizwi latshothoza namazwi engoma akavakala kakuhle. Wakhwaza u-Unyalego wathi, “Awukwazi ukucula kakuhle njengabanye?” Inyoka yabona ukuba nguye kanye u-Ajoh owayethathe amazinyo egolide.



Bimbilili! U-Unyalego wamginya u-Ajoh. Oodadewabo babaleka bagoduka bayokuxela esi senzo sibi kangaka esenzekileyo.

Storybooks South Africa

global-asp.github.io/storybooks-southafrica

Ihlathi Leenyoka

Written by: Joseph Sanchez Nadimo
Illustrated by: Rob Owen
Translated by: Xolisa Guzula

This story originates from the African Storybook (africanstorybook.org) and is brought to you by Storybooks South Africa in an effort to provide children's stories in South Africa's many languages.

This work is licensed under a Creative Commons
Attribution 4.0 International License.